

**INGXELO KA SODOLOPHU KWIBHUNGA ELIVULELEKILEYO**

**UMHLA: 23 November 2017**

**INDAWO: IHOLO YOLUNTU IMduduzi Nkwakhwa – ward 24**

Somlomo obekekileyo

OoSomlomo bonke abasuka komasipala baskuhlaleni nowengingqi

Osositwsebhu bonke bengingqi

Amalungu esigungo esiphezulu sikamasipala

Ooceba bonke bomasipala waseNgquza Hill

Inkosi zomthonyama

Usodolophu wengingqi nabomasipala abasingqongileyo

Imibutho yezopolitiko nemibutho yabasebenzi

likomiti zewadi

Abaphathi bamasebe karulemente

Oomanejala bomasipala bonke

Abasebenzi bonke

Imibutho engekho phantsi koRhulumente

Imibutho yasekuhlaleni

Oosomashishini

Abasebenzi bophuhliso lwasemakhaya

Abahlali ngobubanzi

Ndidlulisa imibuliso eshushu egameni lebhunga likamasipala was ntabeNgquza

**Somlomo obekekileyo**

Ndingwenela ukuba bonke abantu abalapha baqaphele umgaqo siseko womzantsi afrika ingakumni kwinxaxheba yoorulumente basemakhaya othi:

Le migomo inxulumene nokuphunyeleliswa kwemigomo yobukho bomasipala basemakhaya nanjengoko ibhaliwe kumgaqo siseko womzantsi afrika eyile:

- Umhlathi 152 (a) Urulumente wasemakhaya makezise uthatho lwesinintsi norulumente onxibelelana nabantu
- Umhlathi 1 (e)- umasipala makathundeze ukubandakanywa kwabantu nemibutho yasekuhlaleni kurulumento lwasemakhaya
- Umhlathi 160 (7) umasipala makenze umsebenzi wakhe ngokuvulelekileyo nangokuvulelekileyo xa imeko zisitsho njalo ngokwemiba ezakuxoxwa.
- Umhlathi 195 (e) – imfuno zabantu kufunekwe zinzaziwe yaye abantu mabacengwe bathathe inxaxheba kuqhulunqo migaqo.

Kungenxa yezizizathu ke sihlangene apha nje ngokubizwa ngu somlomo ukuze sizakunika ingxelo yomsebenzi wethu ukusukela kwibhunga lokugqibela elivulelekileyo esasilibambe ngo November 2016 kumabala emidlalo Eflagstaff emva kweentsuku ezilikhulu siselulalwulweni emvakokuba sasibekwe ngokusesikweni silibhunga elitsha ngomhla weshumi e;inesibhozo ku Augusti e St Elizabeth Resource Centre.

### **Mathandazwe ezwe lakowethu**

Mandikhumbuze ukuba sike sanayo iminyhadala yembizo efana nokusiwa kwengxelo ebantwini yi Exco nokusiwa komqulu wesicwangciso esidibeneyo – IDP kwanentlanganiso yokunikezelwa kobume bukamasipala apho sinikezele ngeengxelo yezinto ebesizenza nesizakuzenza.

Sihlangana apha namhlanje ilizwe likhumbula ubomi buka tata u Oliver Reginald Tambo ongasekhoyo ongeba kulonyaka ugqiba iminyaka elikhulu ukuba ebesaphila.

UTaMbo wayesisifundiswa, igqwetha, ingqondi, umntu onombono, inkokheli eyayiphume izandla kwanetsha ntliziyo lomzabalazo awawulwisana nengcinezelo kwanommanyani si owalwa nokucinezelwa nokuphathwa koomama nabantwana ngonyamnyheko.

Sihlangene apha phambi kwentsuku ezimbalwa sikhumbule iintsuku ezilishumi elinesithandathu zokulwisana nobundlobongela komama nabantwana nanjengoko lo mlo wawukhona kwintsika zomlo wengcinezelo.

Sihlangene apha ilizwe lijongene nokushokoxeka koqoqosho ngenxa yezizathu ezohlukeneyo ukusuka kwezopolitiko nolalwulo.

Sihlangana apha emva kwenyanga kugqitywa kunikezelwa ngenxelo yesiqingatha yezemali kundlunkulu apho sifumene ukuba umnyinge omkhulu ubhatala izikweleti ntoleyo eyingxaki kubantu abahluphekayo.

## **Luntu lwakowethu**

### **IMEKO ZOPOLITIKO NOQOQOSHO KWIHLABATHI**

Kubalulekile ukuba senze amabalengwe ngemeko zopolitiko kwilizwe jikelele nalapha ekhaya nanjengoko oku kunomthelela kwimeko zokuphila.

Sibona ukuvela nokonyulwa koontamo lukhuni bekhokhela amazwe afana ne France, Italy, Britain, America naseGermany.

Yonke lento inemiphumela emibi kumazwe asakhulayo ngokuba amazwe ahluthayo azakujongana nokuzihluthisa endaweni yokuncedisa amazwe awayewasebenzisa njengamathanga

Ukuvela koontamo lukhuni nemibutho yabo akufuneki isothuse nanjengoko emva kwayo nayiphi imeko yembalela kuye kuvele oontamo lukhuni njengango 1929 apho sabona kuvela oozwilakhe abanjengo Hittler eJamani, Mussolini e Italy ntoleyo eyenza umonakalo omkhulu, kungoko ke masixhalabe silindele okubi malunga nokuvela kuka Donald Trump kwelase melika.

Ukwakhiwa kwe BRICS yenze kwakho ukhuphiswano phakathi kwamazwe asentshona nawasempuma nanjengoko umzantsi Afrika uhamba namazwe aseMpuma.

Yonke lento yenze kwabakho ubudlelwane obubi kurwebelwano phakathi kwe Africa nemelika.

Ukutshintshwa tshintshwa kwesigqeba esilawulayo emzantsi Afrika ingakumbi ukutshintshwa kwabaphathiswa bezezimali yenza ukuba kutshintshe ubume boqoqosho e Afrika nethe yenza ukuba umzantsi Afrika ubekwimeko emaxongo

### **Sotswebhu webhunga.**

Eli lixa sikulo lizibonakalisa ngokwehla kwexabiso lerandi yethu xa ithelekiswa nedollar yasemelika ihamba nokunyuka kwexabiso le oli namafutha emoto. Yonke lento yenza ukunyuka kwezinto ezidingwa ngabantu.

Imeko yezopolitiko kweli lomZantsi Afrika yenza imeko yezoqoqosho norulumento ibenyekenyeke kakhulu ngokwenziwa zizinto yinto. Amaqumru karulumente afana ne SABC, ESKOM, South African Airways kunye nabaphathi bawo akwimeko embi kakhulu nto leyo eyenza uxinzelelo kuba afuna ukuhlangukwa ngezigidini zamarandi.

Kungenxa yezi zizathu into edala ibhunga lixinzelele ukusetyenziswa kwemali ngendlela esulungekileyo kodwa ke sizokwenza oko sinako okwenza uphuhliso ludlondlobale yaye lubesemgagathweni

Siyanithemba ukuba nakuthi gqolo ukusixhasa ngokuthi nincedisane nathi ekulwisaneni nemiceli mngeni ebhekene nomasipala lowethu esizakuyidandalazisa ngokuthe vetshe apha ngezantsi.

Isebe lezezimali kundlunkulu lathi lakhupha isiqendwana somthetho wama 82 ka 2016 oqonondisa ukusetyenziswa kwemali ngendlela yokubopha ibhanti ngakumbi kwimiba yokutya nokulala emahotele.

Oku kwenziwa njengephulo lokuzama ukulondoloza imali ukuze kuphuhliswe uluntu.

Iqondo lokwenza ushishino liphezulu kakhulu ingakumbi kwixabiso ledata noxa kwakuthenjisiwe ukuba kwakubakho ukufikelela lula kwi intanethi ezilalini.

Lento ke ichaphazela kakhulu abafundi basezilalini kuba bazifumana bengakwazi ukwenza umsebenzi wabo kakuhle.

Zonke ezingxaki zenza ukuba kubekho intswela misebenzi, indlala, nokungalingani kwabantu ntoleyo eyenza kubekho ubundlobongela ingakumbi eLusikisiki nanjengoko ikwisine kwiphondo lonke ngokwencukacha manani asemzantsi afrika ezikwabonakalisa ukuba iFlagstaff noLusikisiki zezona ndawo zihlelekileyo nezinentswela misebenzi ephezulu.

Singulomsaipala sisebenze iinyanga ezintandathu ukuya kunyaka singenabo abaphathi abakhulu abaquka owecandelo lezabasebenzi, owenkonzo zoluntu, owocwangciso nophuhliso kwakunye nowezezimali.

### **Somlomo obekekileyo**

Ndivumele ndithethe ngesithe sakwenza ngempumelelo, esikwenzayo nesisaza kukwenza kodwa kufuneka ndiqale ndinike ubume balendawo kwanemiceli mingeni yethu ngokwamanani abahlali neenkonzo ezikhoyo into ebizwa phecelezi nge situational analysis kwanemiceli mngeni.

## **Situational analysis**

Ngokweziphumo zomzi wezenkcukacha manani obalo lwabantu emzantsi afrika abantu basentabengquza banagamawaka anagamakhulu amathathu anesithathu anamakhulu amathathu anamashumi anesixhenxe anesithoba.

Abantu abatsha bangamawaka angamakhulu amabini anamashumi amane anesibhozo nekhulu elinamashumi amahlanu anesithathu (248 153) ekumnyinge we pesenti ezingamashumi asibhozo ananye anemivo esibhozo (81, 8 %), ize abantu abadala babe ngamawaka angamashumi amahlanu anamakhulu amabini anamashumi amathandathu (50 260).

Abantu abangomama balikhulu lewaka elinamashumi amathandathu namakhulu amahlanu anamashumi amane nethoba (160 549)

Amadoda aze wona abelikhulu lewaka namashumi amane anesibini namakhulu asibhozo anamashumi amabini anesithoba (142 829)

Ezincukacha manani zisixelela ukuba abantu abahamba isikolo basiqingatha sabantu bebonke ekumnyingwe pesenti ezingamashumi amane anesithandathu anemivo emine (46, 4 %).

Ithi ke lonto kufuneka sijonge ukuzisa izixhobo zokuphuhlisa iphulo lokufunda nokufundisa, kunyuselwe ukuziswa kwenkonzo zolutsha ezifana namabala neepaki zolonwabo.

Amashumi aluthoba anesithoba epesinti abantu balapha ngama Afrika ize umvo (1%) ibengabebala, amandiya nabamhlophe.

## **Mathandazwe ezwe lakowethu**

Isihlanu esinemivo emine (5.4%) ngabantu abaphila nokhubazeko. Lenyanga izayo yinyanga enikezelwa ekufundiseni abantu ukuba bazi ngokhubazekho ukuba ayisosifo yaye masibamkele baphile nathi emakhaya naseluntewini jikelele sibanike iinkonzo ezibafaneleyo. Singumasipala sizokunika amaqumru amabini izixhobo zokuthunga abantu abaphila nenkubazeko kuba singurulumente okhathalayo.

Abantu abanemfundo ephakamileyo – 5, 3 %

Abantu abanematriki – 12, 6

Abantu abangafundanga – 20, 8 %

Lento ke ithi sinomceli mngeni wabantu abaninzi abangenazokhono kwanabantu abatsha abangayiyo esikolweni.

Umasipala wethu ungowesibini kwintswela ngqesho komasipala abahlanu base O.R Tambo ntoleyo efuna ukuba sibambisane ukulwisana nalengxaki kuba ithetha ukuthi indlala iphezulu

Indlela esifumana ngayo iinkonzo

Abantu abanombane – 84, 9 %

Abantu abanezindlu – 40.0 %

Ukuthuthwa kwenkunkuma – 2.9 lento ke ithetha ukuthi abantu balahla inkunkuma kwindawo ezingemthetho into echaphazela imeko zokuphila kwabantu

Abantu abafumana Amanzi acocekileyo – 18, 3 %

Abantu Abangenamanzi – 81, 7 – lento ithetha ukuba abantu bakuthi basela amanzi neenkomo. Ingxaki ke esinayo kukuzisa amanzi kuba akangomsebenzi wethu koko ngawase O.R Tambo.

Abantu abaninzi baphila ngezindlu zangasese ezingasebenzisi manzi ezithi zigcwale zibeyingxaki kuluntu nasemakhaya

Abantu abaninzi kulendawo yethu abaphangeli yaye bakumnyinge ongu 51.6 % yilonto ke sisithi amasebe karulumente namanye amaqumru abucala makathathe uxanduva lokulwisana nalengxaki.

### **Sinemiceli mngeni eyile kulendawo yethu**

- Ukurwaphilizwa kwemihlaba kwindawo ezikufutshane nedolophu
- Ukuthengiswa kwemihlaba ngokungemthetho kwindawo ezisemalwandle, kwindawo ezizobanomgwaqo kathelewayeka owakhiwa ngu SANRAL( N2 Toll road
- Ukurwaphilizwa kwemihlaba kwindawo zemveliso (Magwa, Mazizi, Mbotyi, Mzizangwa, Msikaba, Mkambathi nezinye)

Lemiceli mingeni ithetha ukuthi ukusetyenziswa kwemali makukekelele kubantu abangomama, ulutsha, nabantu abaphila nokhubazeko.

Kufuneka kuncediswe abantwana abancinci abakumaziko abizwa ngokuba ziinkulisa neekrishi ukuze sinyuse izinga lokufunda.

Kubalulekile ukuzisa iinkonzo kulutsha ezifana namaziko ezemidlalo nepaki zokuzonwabisa nanjengoko sele siqalile ukulwisana nobundlobongela.

Kukwabalulekile ukuncedisa uphuhliso lwezakhono komama ukuze bakwazi ukuncedisa amakhaya nanjengezisekelo zamakhaya kuba ootata bahlala emisebenzini kwaye eminye imizi ayinabo ootata.

Sikwakujongile ukuba kuncediswe abantu abaphila nokhubazeko ukuze bazibone beyinxalenye yethu ngokuthi sifundise abantu ngenkubazeko nokubancedise ngezakhono kubantu abaphila nenkubazeko.

Sikwathi makubuyelwe embo ngokuba sibuyele ekulimeni ukuze silwisane nendlala. Sibulela amaphulo aqhubekayo apha Kwa wadi 24 ngokuncediswa ngamaziko abucala afana no Anglo Gold Ashanti ukuvelisa umbona.

## **Somlomo obekekileyo**

### **1. UKUZISWA KWENKONZO ELUNTWINI (Basic service delivery)**

Urulumente wethu we African National Congress uzinikezele ukwenza iimppilo zibengcono ngokuzisa iinkonzo eluntwini noxa kukho imiceli mingeni.

Ukuziswa kwenkonzo sesona sisekelo sokusekwa komasipala basemakhaya yaye nathi silibhunga safunga sagomela ukuba kuleminyaka imihlanu sakulwenza utshintsho ngentsebenziswano nabantu balommandla.

### **Ulwakhiwo lwemigaqo**

Siyazingca ngokuba sikwazile ukwakha imigwaqo esixhenxe emitsha kwindawo ekungazange kwabakho kwamigwaqo. Le migaqo ke yile ilandelayo:

- Lumayeni ukuya ku Hobe – ikhontilakhi yakha ibloro ngoku sithethayo
- Suncity – Mzenge - ikhontilakhi yakha ibloro
- Mabilwane –ward 5 – ikhontilakhi ilibazisekile ngenxa yokubamqengelezi kwendawo ntoleyo efuna kufakwe islab ebesingekho kwiplani yilonto ke sithethisana nonokhontilakhi.
- Ngqandulo – ulwakhiwo lulityaziswe yimvula emandla ethe yaphindisela umsebenzi emva
- Mhlanjeni – ulwakhiwo luphazanyiswe yimeko yedama ekufuneka umgwaqo uhambe kulo.

- Mketengeni – ikhontilaka iyagqibezela kuba ngoku ifakela nje indonga zokuvalela amanzi
- Ngqwabeni – ikhontilaka igqibezela imifolo yamanzi

**Kulonyaka Mali ka 2017/18 sizokwakha imigaqo emithathu emitsha esele siyinikezele konokhontilakhi.**

- Moyeni – ozikhilomitha ezintlanu ( 5 km) kwa wadi 20
- Mtshekelweni – ozikhilomitha ezintlanu (5km) wadi 8
- Ronteni – oyikhilomitha enye (1Km) okwane bhuloro kwa wadi 26

**Sikwazile ukuvuselela izimo zemigwaqo emidala engamashumi amabini anesithandathu (26) ekumnyinge wekhulu elinesixhenxe nemivo eluthoba ekhilomitha (107,9km).**

Le migwaqo ke iquka u Ntanzu wadi 24, Mzintlava, Rhole, Mtshayazafe, Unity Park, Tshandatshe Nqaqhumbe, Joe Slove , Mmangweni access roads, Sikitini, Nkululekweni, Ndukudeni, Sigingqini, Bodweni to qhamangweni, Mpoza, Phumlo to Ntongwana , Mkhumeni, Twazi, Meyisi, Mathe to Jaca, Rock to Lumphondo, Mthontsasa to Babane and Dolophini, Zitha , Roskrudge to Manqilo access roads

**ULWAKHIWO LWEHOLO ZOLUNTU**

Kwibhunga elivulelekileyo kunyaka ophelileyo sathi sizokwakha amaholo kwidolophu zombini, siyazingca ke ukuba siyaqhubeka nolomgomo kwa wadi 15/19 nakwa wadi 6 noxa silityaziswe kukungafiki kwenztsimbi zokwenza iintsika (delays in delivery of steel).

Sikwa qhubeka nomsebenzi omhle wokwakha amaholo kwiwadi ezimbini uwadi 10 mowadi 28 esele sizigqiba kungentsuku zatywala.

**UFAKELO MBANE**

- Esidakeni wadi 28 – kunengxakana zokuxhunywa kombane kodwa sele kukho isivumelwano no Eskom
- Mdikane wadi 15 – kunenokrutha kruthwano no eskom ngendaba yemizi ephakathi kweminye kodwa sele isnjululwe
- Kanana wadi 17 - – kunenokrutha kruthwano no eskom ngendaba yemizi ephakathi kweminye kodwa sele isnjululwe

- Ukufakelwa kombane Kwa wadi 4, 8, 9, 15 & 18 lulinde ukuphunyezwa kwesicelo NGU Eskom ukuze kufakwe umbane ngonyaka mali 2017/18.
- Ukuzotywa kwemap yofakelo mbani kunyaka Mali ka 2018/19 kww wadi 8, 30, 31 imizi eyi 531 kukwisibhengezo seziniki maxabiso.
- Ukufakelwa kwezibane ezilishumi ezide (high masts) Kwa wadi 4,7,9,14,21,27,30,31 kukwisibhengezo seziniki maxabiso.
- Ukulungiswa kwezikhanyisi eziyi 297 Kwa wadi 6, 15 & 19 kuyaxilongwa okanye kuyaphicothwa ngenxa yexabiso eliphezulu.

## **2. UKUKHULISWA NOKUTSHINTSHWA KUKAMASIPALA (INSTITUTIONAL TRANSFORMATION AND ORGANIZATIONAL DEVELOPMENT)**

Siyazingca ngokuba zonke izithuba zengqesho zabaphathi bakamasipala ebezingagcwaliswanga zide zabe ziqeshelwe iingcungcu kwanengcwethi kwezorulumento lwasemakhaya

Siphinda sizingomba isifuba ngamathuba engqesho esith sawenza saze saqesh abasebenzi abakwi khulu kulonyaka ka 2017 kuwo onke amacandelo esingabalula kwezothutho lwenkunkuma, kwezezimali, kwezezithuthi nakwisebe lokhuselo.

Siyaqhubeleka nomsebenzi omhle wokunika abo banemfundo ephakamileyo ithuba lokuqeqeshelwa umsebenzi. Sikwazile ukuba sifake li interns ezingamashumi amabini anesixhenxe kumasebe onke kamasipala.

Sikwancedise abasebi abangashumi asixhenxe (70) kwiphulo elibizwa ngokuba NGU Expanded public works programme

Bonke abasebenzi abaqalayo ukufika apha kwamasipala sibanika uqeqesho lokubazisa ngomasipala, izakhiwo, imithetho neenkokheli zalapha ukuze bangangeni ezingxakini kuba bengazi

Siyaqhubeleka nokukhupha izithuba zengqesho gqolo ngekota ukubonakalisa ukubambelela kwisithembiso sethu yilonto sinabasebenzi abangamakhulu amane anamashumi amabini anesibini.

**Bahlali bakowethu**

Siyazingca ngokukhathalela abasebenzi ngokuthi siqinise izakhiwo zokulungisa umphefumlo nenyama ezibizwa Employee assistance programme ukuze sibenabasebenzi abawenza ngenkathalo umsebenzi nangokuzinikela.

Sinequmru lezabasebenzi elihlalela zonke ingxaki zabasebenzi elihlala ikota Nekota elibizwa Local Labour Forum.

Zonke izithuba zengqesho ziyahlaziywa ziphicothwe zinikwe umsebenzi ocacileyo ukuze kungabikho kungxabalaza kwezinto ekufuneka zenziwe ngumsebenzi lowo.

Sikwanephulo lokuphuhlisa izakhono zabasebenzi bakamasipala ukuze bamelane notshintsho oluthi lubekho kwamasipala.

Siyazidla ngokuba sithe saseko isetyana lokuqinisekisa ukuphathwa koluntu olufuna uncedo nendlela yokwenza izinto emsebenzini elibizwa ngokuba yi **Batho Pele Champion**.

Sine **Presidential Hotline** ethi isetyenziswe ngabahlali ukuvakalisa iingxaki zabo khona ukuze zinikwe ingqwalasela ngumasipala okanye zisiwe kumasebe karulumente angalena nazo.

Sithe safumana izikhalazo zokungatharishwa kwezitalato Kwa Arthur nomcimbi we pot holes ngasesibhedlela e-ST Elizabeth Hospital ukuya ngase Excel garage. Zonke ezi ngxaki ziyahoywa.

### 3. UPHUHLISO LOQOQOSHO LWASEKUHLALANI

Iqumru elijongene nezemihlaba lijongene nombandela wokupheliswa komthetho we 33 ka 1934 wase Transkei ovalela ungenelelo lukamasipala kwizakhiwo ezingekho mgangathweni nanjengoko lo mthethwana ukhabana nomthetho kandlunkulu yaye uchaphazela ukucwangcwiswa kwedolophu.

Sithe sathengisa iziza zokwakha ezilikhulu namashumi amabini anesine kwidolophu yaseLusikisiki esizokuzibeka kumgangatho ofanele ukuba kwakhiwe kungekudala ukuze kukhule uqoqosho.

Sele sikwazile ukuphucula umgangatho weziza zamashishini yilonto sihlaba ikhwelo kubanikazi bazo ukuba mabaqalise ukwakha ukuze sikhulise uqoqosho lwasekuhlaleni kutshintshe nobuso beedolophu.

Siyavuya ukuba isicwangciso sebhunga sokuthethana norulumente malunga nemeko yase Magwa sizele amaduna namathokazi kuba sibonile kusenzeka imimangaliso kwiveki ephelileyo yokuvunwa kweti nokubuyiselwa kwenkonzo kwelaziko kodwa siyacela sicengane kukufutshane phambili.

Sikwaqalise iphulo lokuthiywa ngokutsha kwedolophu, izitalato nendawana ezithile ezibizwa ngamagama akudala engcinezelo angenantsingiselo kuluntu lwakuthi nathi avuse umnyele ngenxa yeziganeko ezibuhlungu.

### **Somlomo obekekileyo**

Sivakalisa apha ukuba sikwazile ukunika amafama nabelimi izixhobo zokuncenceshela ukuz kuphucuke iifama zabo kwanemveliso ngexesha lembalela ngoba nibona imeko zokutshintsha kwemozulu nemiphumela yako.

Singumasipala silungisa isicwangciso esitsha sokusetyenziswa komhlaba esizokunqanda ukusetyenziswa gwenxa nguwonke wonke, kungazukhethwa ntsimi yankosi ukuze singasolwa zizizukulwana ezizayo.

Sikwanephulo lokuphononongwa komhlaba wethu kuba sifumanisa ukuba eminye imihlaba ayibhaliswanga eminye azange ihlolwe logama eminye ingabhatalelwa ngendlela eyiyo kuba ibhaliswe ngendlela engeyiyo.

### **Iphulo Lokuhlola Likamongameli**

Ngexesha umongameli elapha kummandla was Ingquza wabhaqa ukuba kufuneka kunikezelwe ngezindlu kubantu abadingayo kwezivadi zilandelayo : 1,3,4,13,14,16,18,19,21,29&30 kodwa kuzoqala kwenziwe uhlolo lwezindawo kusetyenziswana nooceba.

Isebe lezokuhlaliswa kwabantu lithe laveza indlela ekhawulezayo esebenzisa ubuxhakaxhaka banamhlanje ukunqanda ukulibaziseka kokubhaliswa kwezindlu ntoleyo ehamba noqeqesho lwamagosa komasipala ukuncedisa abahlali.

Singumasipala waseNtabeNgquza silandelela umba wezindlu ezakhiwa zashiywa esithubeni yaye sekumbovu ukuba kubuyiselwe iikhontilaki zizogqibezela lowo msebenzi nanjengoko lendaba yathi yenza ingxaki zokungabikho kobudlelwane phakathi kwabahlali, ooceba neenkosi.

Sikwalandelela umcimbi wezindlu ezihlalwa ngabantu ngendlela engeyiyo bengazange bazinikwe ngumasipala ngokusemthethweni khona ukuze zinikwe abanikazi bazo.

### **Ulondolozo lwendalo**

Singumasipala sithe sacela kwisebe lolondolozo lwendalo ukuba sincediswe ngokuphuculwa kwamalwandle, ngokutyalwa kohlaza kwimihlaba engekhiwanga, ulwakhiwo lwepaki, ukuqeqeshwa kolutsha.

Umcimbi weziko lokulahla inkunkuma usiphethe kakubi ngoba aside sifumane ndawo yokwenza oko kodwa siyaqhubeleka nokuthethisana neenkosi zakwa wadi 17 nakwa wadi 7.

### **Ukhenketho**

Singulomasipala sikwiphulo lokuphucula ukhenketho ngokuthi sense amaphulo azoncedisa ukuphuhlisa ukhenketho.

Sithe gqolo ukumane sisiya kumaphulo eminyadala emikhulu kumanye amaphondo (Macufe) ukuya kuveza ukuba Ingquza Hill iphi inabantu abanjani abenza ntoni yaye ziintoni edume ngazo.

Sikwiphulo lokuphucula amalwandle ngentsebenziswano namasebe afana nelemisebenzi yoluntu, elolondolozo lwendalo, elezamlathi, elezemandla nemisebenzi karulumente kwakunye nelezamashishini amancinci.

### **Izinduluo kubantu bakuthi**

**Singumasipala sihlaba ikhwelo lokuba:**

- **Mawungathengiswa umhlaba kuba sisafuna ukuwuphucula silungiselela izizukukwana ezizayo**
- **Makunganikezwa abantu bangaphandle ilayisenisi zokuloba kumalwandle ethu kuba bubutyebi bethu obu.**
- **Sizakuncedisa ukuqeqesha abantu bakuthi kwizakhono kuqoqosho lwaselwandle nanjengoko sele sincedisene ukufumana ilayisenisi zokuloba.**
- **Makulondolozwe indalo ngendlela eyiyo.**

## **4. UKUSETYENZISWA KWEMALI (financial Viability)**

Oomasipala abancinci abafana nalo wethu was Ngquza baphila ngokukhongozwa izibonelelo kwingxowa kandlunkulu ezibizwa ngokuba yi equitable share, Integrated National

Electrification grant, EPWP, Municipal Infrastructure grant, Finance management Grant kunye ne Municipal Systems Improvement Grant.

Kufanele ukuba ke sinemali eyingeniso yethu esiyifumana kumasebe karulumente, kubakhi basedolophini, kumashishini nakulimo kodwa akunjalo kodwa ke siyathethisana nabo bonke aba Bantu ukuze babhatale ityala labo elizizigidi ezingamashumi asibhozo (81 million) ezingenza omkhulu umahluko.

Siyazingca ngokuba sithe gqolo ukufumana ingxelo kamphicothi zincwadi eneganchaphaza iminyaka emibini ilandelelana 2014/15 no 2015/16 into ethetha ukuba siyiphethe kakuhle yaye siyisebenzisa ngendlela efanelekileyo nakwindawo efanelekileyo imali yabarafi base Ngquza. Siyazingca ngokuba sikwazile ukuba sense ngokomyalelo kandlunkulu othi oomasipala mabenze ingxelo yezemali ngendlela ebizwa **mSCO (Municipal standard Chart of accounts)** ebiqala ngojuly 2017.

## **5. URULUMENTO OLUSULUNGKILEYO NOTHATHO NXAXHEBA (Good Governance and Public Participation)**

Siyazingca singulomsipala ngokubanezakhiwo zokuzisa urulumento oluthe tye ezifana ne Performance management system, Internal audit, Risk management kwane Legal service ezithi ziphonononge zonke iingxelo zebhunga zinike amacebiso.

Ibhunga lethu liyahlala ngokwesicwangciso nkqubo esamkelwa libhunga khona ukuze lifumane iingxelo kusodolophu nakwamanye amsebe ukuze kujongwe nenkqubela phambili.

Onke amaqonga ezonxibelelwano siyawasebenzisa nkqu nobuxhakaxhaka banamhlanje obufikelela nakulutsha lwanamhlanje (social net works ezifana noface book kwane website) apho sithi sifake zonke ingxelo ngobume bukamasipala.

Siyazingca ngokuba sinazo iikomiti zewadi ezithi zancedise ukunikezela ngeengxelo zobume bukamasipala kwanazo zonke izinto ezizidingo kubahlali sithi kubo mathole anyongande kukudlelana.

Sithe gqolo ukunakekela abantwana abangathathi ntweni ngokubanika I uniform. Sithi sinikezele kwizikolo ezihlanu kubantwana abalishumi elinambini kwisikolo ngasinye. Kunyaka ka 2017 besiyinike uNtanzu apha kule wadi sikuyo yaye kulonyaka uzayo sizonikezela eMateko.

Minyaka le sibamba iMayoral week ethi incedise abafundi ngokuthi ibaxhobise ngendlela zokukhetha izifundo kwanolutsha ngokuthi ludlale lufumane lawo maqithi qithi.

## **6. INKONZO ZOLUNTU (SOCIAL SERVICES)**

Siyazingca ngokuba sinombutho Local Ais Council wokulwisana nengculaza nezinye izifo ekuthiwa azinyangeki. Kulonyaka sikwazimisele ukumilisele eli sebe kwiwadi zonke ukuze kufundiswe abantu ngalobhubhani namayeza okumnyanga.

Sinephulo esiliqhubayo lokuzisa iinkonzo zamahala ezifana nombane neparaffin ebantwini abangathathi ntweni noxa ke sinengxaki ezithi ziyenze lenqubo ingahambi kakuhle efana nale:

- Abantu abangafuni kuphuma kwezinkonzo noxa sele isimo sabo singavumi ukuba babe basaxhamla kuyo
- Ukuxhamla kwabantu kaninzi okwenziwa kukihlala kwindawo ezininzi
- Ukungabhalisi kakuhle kwabantu

### **Ukucocwa kwedolophu nokuthuthwa kwenkunkuma.**

Singulomasipala sizimisele ukucoca iidolophu zethu ngokuthi siye saqesha ngokongezelekileyo abasebenzi kwelisebe lokuthuthwa kwenkunkuma.

Siphindile sathenga imigqomo emikhulu ethi ibekwe kwindawo ezithile koko sinomceli mngeni wokuba le migqomo iyatshiswa ibulawe ngabahlali yenze lonto kubemdaka ngakumbi.

Abasebenzi senza ngaphaya kwamandla ethu ukuba sibakhusele ngokub asibathengele impahla ekhuselayo ukuze banganethwa bangafunxi izinto ezingabenza bagule.

Sicela sibongoza abantu bakuthi ukuba bangalahli esithubeni koko mabembe imingxuba balahle kuyo amaphepha bawatshise ze baphinde badibele inkunkuma kuba mbi umbono esiwubonayo we disposables ezilahlwe kuyo yonke indawo yaye azitshi.

## **ISIGQIBELO**

Sihlaba ikhwelo kuye wonke umbi wase NGquza Ukuba ngoku kusondela ixesha leziyunguma apho wonke ubani athi azonwabise ngendlela yakhe kodwa ke sithio konke oku masikwenze ngenkathalo kuba nezimoto siziqhuba sizintintye ngobhelu lomsele luluchwe lukamtholi.

Masiziphatheni kakuhle lutsha ukuze ingomso lethu liqhakaze, masifunde sithabathe umzekelo kwinkokheli uOliver Tambo wafunda wayityekeza engumntwana wasezilalini kodwa wakwazi ukuba abaeyinkokheli evunywa lihlabathi lonke.

Masihambe kude kubundlobongela nokuyeka izinto zenzeka zingekho mgaqweni kuba sisonqena ukuba lomntu uzenzayo ngumakhelwane okanye niyazalana kuba bubutywetywesi obo nokungalithandi ilizwe lakowenu.

Sikwathi makusetyenziswe iazkhiwo neziseko zikarulumente nezemibutho yasekuhlaleni ukuveza izimvo kwanengaxaki ezitya uluntu singasebenzisisi ubundlobomgela sitshise izinto ezikhoyo kuba sifuna leya.

Le ngxelo siyinkeza egameni lamaqhawe amabini nathe asandulela utata uMpinga walapha eLambasi kodwa ongcwatyelwe egoso owayelitshantliziyo lomzabalazo nenkonde ebisisele senyathi.

Sikwayinikezela egameni lika tata unkosi uChief Njsane owayenguceba waphinda wamela indlu yenkosi kwibhunga eli lase Ngquza sithi ke yanga imiphefumlo yabo ingalala ngoxolo igazi labo likhuphe iziqhamo zenkululeko yabantu abangenanto.

**Ndiyabulela kakhulu**